

# PULA IMVULA

GROWING FOOD • PEOPLE • PROSPERITY



## UKUGCINWA KWEENKOZEMANZINI – ukongeza ixabiso lombona wakho

**U**PHUHLISO LWABALIMI LWASEGRAIN SA LUKHUTHAZA ABALIMI UKUBA BONGEZE IXABISO KWIINKOZO ZABO. OMNYE WEMIGAQO ECHWAYITISAYO ESAZISA ABALIMI NGAYO KWINKQUBO YETHU YOQEQQESHO WAZIWA NGOKUBA KUKUGCINWA KWEENKOZEMANZINI.

Ukugcinwa kweenkozo emanzini yindlela yohlobo olulodwa yokulongisa umbona, nezinye iinkozo ezifana namazimba, ukuze kupuhule ixabiso lezondlo nokuzitshintsha-tshintsha ngakumbi ukwenzela ukupheka nokubhaka. Umbona ugcinwa emanzini uze uphekwe kumxube ongekho mtyuba (amanzi ekalika), uhlanjwe ngokunjalo uhlutywe (umaleko ongaphandle wombona uyathamba kule nkqubo ususwe ngokuhlanjwa emboneni).



Jenny Mathews, umbhali kwiPula Imvula. Thumela i-imeyili apha jenjonmat@gmail.com

Kukholelwa ekuben le nkqubo isusa iintsholongwane ze-aflatoxin kanganesixa esinokufikelela kuma 90% ukuya kuma 97% emboneni. Kungenxa yesi sizathu kukholelwa ekuben ngumgaqo obalulekileyo abafanele ukuwufunda abalimi ukuze bawusebenzise. Emva kokuzihlamba ngocoselelo iinkozo ebezicinwe emanzini, ezo nkozo zibizwa ngokuba ziinkozo



## AMAZWI AVELA...

### kuJerry Mthombothi

SEBE LEZOLIMO, I-GRAIN SA, ABATHENGISI BEEMVELISO KUNYE NAMANYE AMAQUMRHU LIQEQQESHA ABALIMI UKUBA BALANDELE IMIGAQO ECHANEKILEYO YOKULIMA. ABALIMI BALUQEQQESHELWE ULAWULO LOMHLABA, ULAWULO LWEZNAMBZANE EZONAKALISA IZITYALO NEZIFO, IMITHETHO-SISEKO YEZOLIMO NGOLONDOLOZO NANGAPHEZU KOKO.

Abalimi baxhotiyisa ngezakhono zobuchule ngendlela abafanele ukulima ngayo iimveliso zodidi oluphezulu nangokufumana izivuno eziphezulu. Inye kuphela ingxaki abajongene nayo abalimi abaninzi, kukungabi nabo oomashini, umzekelo, abafana nabokukrazula, abokutyalu nezitshizi ezoluliweyo, ukuze bawulungise kakuhle umhlaba ibe khona nemihlabu enzulu eya kuthintela ukugwantya kwamanzi, ukwakheka okuhle komhlaba ngokunjalo ukwazi ukugcina amanzi nezondlo.

Ukuqesha izixhobo zokufama kwiikhontraktha zendawo akuyo umlimi kuneendleko eziphezulu baze abalimi bagqibele ngokusebenzisa imigaqo eshunqulelayo nomsebenzi ungenziwa kakuhle. Ukuze umlimi afame ngeempumelelo kufuneka angalandeli imigaqo eshunqulelayo kuba oko kuya kuba nesiphumo sezivuno ezinganeno ngokunjalo ingabi nakubuya imali ebebeiyebenzise xa ebelungisa umhlaba. Kwithuba elidlulileyo, kukhe kwenzeka ukuba abalimi bancediswe ngoomatshini, kodwa ingxaki ibe kukuba abo bantu ababenikwe uxanduva lokulawula ezo trektara nezinye izixhobo zokufama bangakwenzi ngokuchanekileyo oko. Abaqhubi ababeqeshiwe babengenamfanelo yokuqhoba okanye bengaqqeshwanga kakuhle ukuba baqhube ezo trektara futhi bengazilondolozi izixhobo zokufama. Enye ingxaki ibe kuka baba mbalwa abantu abaxhamlayo kwezo zixhobo.


Namhla iSebe lezoLimo eMpumalanga, ngokusebenzisa iNkqubo yoKhathalelo loMhlaba, likwazile ukunikela ngezixhobo zokutyala nangezitshizi ezoluliweyo kubalimi ukuze zilawulwe ngamaqela ofundonzulu ahluka-hlukileyo aseGrain SA. Wona alawula ukusetyenziswa kwezixhobo aze aqinisekise ukuba xa kukho iinxalenye ezithile ezaphukileyo, athenga iinxalenyne ezintsha endaweni yezaphukileyo. llungu ngalinye liba nento eliyinikelayo ukuze loo mali ibe nako ukusetyenziselwa ukuqesha iitrekta eziza kuthwala ezo zixhobo zokutyala kunye nezitshizi ezoluliweyo ngokunjalo kuhlawulwe nabantu abasebenzisa izixhobo. Kukho inkqubela ethile eqwalaselweyo emasimini alimekayo njengoko abalimi abaninzi bengasazityali ngesandla izityalo kodwa besebenzisa ezo zixhobo zokufama.

Ukuze ziphumelele izindululo ezifana nezi, bupalulekile ubukho bobudlelwane obomeleleyo babahluelane ngenjongo yokuncedisa abalimi bethu ukuba bazimele ngokwabo futhi bafame ngendlela enozinzo. Sinqwenela ukukhuthaza bonke abalimi nabadlali beendima ukuba basebenzisane njengeqela elinye ukuze bafumane izisombululo abazifumanisa bekunye ukuze kuguqlwe ushishino. ■

## Ukugcinwa kweenkozoemanzini...



1a



1b

*linkozo zombona ziyasilwa, zigutywe zize zenziwe intlama yomgubo wombona.*

ezinokuphothulwa, ziyasilwa, zigutywe zize ziguqlwe ngokusebenzisa intwana yamanzi ukwenza intlama yombona ebizwa ngokuba yintlama yomgubo wombona okanye imasa (**foto yesi-1a neFoto yesi-1b**).

Intlama yemasa inokusetyenziswa ngeendlela ezininzi, umzekelo: lintwana ezincinane zemasa zibunjwa njengeebhola zize zenziwe mcaba zibe ngamacwecwe. La macwecwe ekeyiki aphekwa ngeepani esitovini okanye eontini. Ngokuwaqhotsa emafutheni, ikeyiki zepani kunye nemicu yentlama yazo inakho ukuguqu-guqulwa ibe ziitshipsi (okanye ibe ziimveliso ezifana nazo). Imasa ngokunjalo inokusetyenziselwa ukwenza iitshipsi zombona. Intlama inakho ukudityanisa nomgubo wengqolowa ukuze kwensiwe iikeyiki, amaqebengwane ezikoni kunye namacwecwe ekeyiki awojiwa ngepani. Okunkwensiwa kuninzi uludwe lubanzi kangangengcngane!

Malunga nokugcinwa, imasa inokomiswa ukuze ethuben iphinde inikwe ukufuma ngenjongo yokuyiguqu-guqula kwakhona. Umgubo wengqolowa wemasa eyomileyo ungenziwa ngeenkozo ezinokuphothulwa ezifume kancinane ngokuyisila ngocoselelo phantsi kweemeko ezomileyo. **Umgubo wengqolowa wemasa** owomileyo ukholisa ukusetyenziselwa ekwenzeni iikeyiki ezojiwa epanini zokurhweba.


### ZIINTONI IINNUZO ZOKUGCINWA KWEENKOZO EMANZINI?

- Kuphucula isongo sombona.
- Kususa amakhasi angaphandle esikhwebini.
- Kwandisa ixabiso lezondlo – ukuze kubekho iNiacin/iVitamin B3/ iTryptophan (iiamino acid) ngoko ke kuthinteleke ukungondleki kakuhle – ngakumbi ipellagra.
- Amanqanaba ephytic acid asuka abe phezulu emboneni. Oku kuthintela ukufunxeka kwe-iron, izinc necalcium emboneni esiwutayayo kwaye kunokukhokelela kunqongophalo lweetyuwa ekuhambeni kwexesha. Inkqubo yokugcinwa kweenkozo emanzini inciphisa amanqanaba ephytic acid.
- Le nkqubo yandisa umgangatho wecalcium nomgangatho weprotheyini efuneka emzimbeni.
- lintsholongwane zee-mycotoxin ziyasuswa – inkqubo yokugcinwa kweenkozo emanzini izinciphisa kakhulu – kude kufikelele kuma 90%. Esi senzo sesiqhelo sinefuthe elikhulu ngenene kwisimo sesondlo sesikhwebu esikukutyu okuthobekileyo. Ngaso siyakwazi ukufumana ukuya okunoqoqosho kangako, sikwenze okunezondlo eziphezulu.
- lingqalutyanza zesitatshi kulula ukuba zicoleke.
- Umbona usileka lula ngakumbi.
- Oku kwenza ukuba kube yinto enokwenzeka ukujika umbona ube yintlama ebizwa ngokuba yimasa.

linkozo ezinokuphoothulwa zinokusetyenzisa ngokuthi mhlawumbi ziphe-kwe njengeenkozo ezipheleleyo okanye ezsiliweyo ukuze kwensiwe imasa (lo mxube uthande ukuba manzi noncangathana unokusetyenzisa ngeendlela ezahluka-hlukeneyo).

Le nkqubo inokuqoshelisa kumatshini wokuguqu-guqula ukutya (Ifoto 3a neFoto yesi-3b). Ukuba ayidibani ibe yintlama ethambileyo, unokugalela amanzi, icephe elinye elikhulu ukuya kwamabini ngexesha. Ekugqibeleni iya kudibana ibe sabuntlama mhlawumbi eqinileyo. Kunokuthatha imizuzu emi-4 ukuya kwemi-5 ngesixa ngasinye ematshinini wokuguqu-guqulwa kokutya phambi kokubumbeka kwentlama enqwenelekayo. Ukuba intlama imanzi kakhulu, kunzima ukusebenza ngayo. Wakuba uyomise kancinane intlama, kuba lula ukuyibumba ibe ziibhola ezingqukuva ezilingana nebhola yegalufu ngobukhulu okanye uyisebenzise ngendlela othanda ngayo. Umxube usenakho kwakhona ukuditianiswa nomgubo wengqolowa ukuze usetyenziselwe ukwenza isonka nokubhaka.

### 1 *Ukhozo lombona.*



### 2



*kuhlambe kakuhle ukutya kweenkozo kwisihluzi sasekhitshini.*



*Imizuzu emi-4 ukuya kwemi-5 ematshinini wokuguqu-guqula ukutya uyayiqinisa intlama.*



## LE NKQUBO IBANDAKANYA NTONI?

1

linkozo zombona (nokuba ngumbona wowuphi umbala) zifakwa embizeni.

**Qaphela:** Le mbiza mayingabi yimbiza eyenziwe ngealuminiyam – maybe yimbiza yentsimbi yesiNtu okanye eyentsimbi engahlalwa libala elibi.

2

Umbona ugqunywa ngamanzi ngokupheleleyo.

3

Emanzini angangeelitha ezimbini, ugalela amacephe amakhulu ekalika exutywe namanzi (nokuba yi-calcium hydroxide, ethengwa ekhemesti), yona seyinyitilikiswe emanzini ashushu.

**Qaphela:** Kufuneka usebenze ngenkathalo ngamanzi asekalikeni. Qiniseka ukuba kungena umoya owaneleyo, ukuze umqhumo ungasezelwa. **Ungazifaki emanzini** ekalika izandla zakho. Galela iinkozo ebezicinwe emanzini zaba nyamfunyamfu kwisihluzi (Ifoto yesi-2) sihlambe kakuhle – zamisa ngecephe leplanga okanye uxhibe iiglavu xa uuhlamba ikalika ukuba isuke kwiinkozo. Hlamba iinkozo ngocoselelo. **Ukungazikhuseli** kunokusiphatha kakubi kakhulu isikhumba okanye kungade konakalise imiphunga. Ikalika exutywe namanzi iyatshisa ngoko ke, ifanele ukusetyenzisa ngenkathalo.

4

Umxube wombona namanzi uyabiliswa kwimizuzu emalunga neli-10 ukuya kweli-15.

**Qaphela:** Yinto enokwenzeka ukuwupheka ngokugqithisileyo umbona. Ukuba ubuwunyibilikise ngokupheleleyo umaleko ongaphandle wokhoso, isikhwebu siya kufunxa amanzi, isitashi siya kuba negelatine ngokupheleleyo, ngokwenza njalo umbona awusayi kuba yimasa efanele ukuba yiyo.

5

Emva koko imbiza iyasuswa emlilweni ukuze iphole ebudenibobusuku – okanye obona buncinane kwiiyure ezsibhoso.

6

Kwintsasa elandelayo, uya kuqaphela ukuba umbala utshintshile, namakhasi ayamunyuka. Inyathelo elilandelayo kukugalela umbona kwisihluzi uezewuhlambé umbona emanzini ahlaziyekileyo uwuhlikihle ezandleni zakho xa uwuhlambé ukuze ususe amakhasi amaninzi.

**Qaphela:** Kuxa kusuke umaleko wodonga ongaphandle (Isazobe 1), wokhoso lombona apho obu buchwephesh bunegalelo ekunciphiseni ngepesenti enkulamanqanaba ongcoliseko lomngundo weentsholongwane yeafatoxin kwiinkozo zombona. Kungatshiwo ukuthi le nkqubo yokugcina iinkozo emanzini inefuthe elingqalileyo kubukho bokutya okwaneleyo kubathengi.

7

Ngoku ezi nkozo zibizwa ngokuba **ziinkozo** ezinokuphoothulwa. ■

# Okunokukhethwa kulawulo Iwezityalo zokutshintsha ngoSeptemba

ZITYALO ZOKUTSHINTSHA ZINOKUDLALA INDIMA EBALULE-KILEYO EKUPHUCULWENI KWEENQUBO ZETHU ZANGOKU ZOKULIMA KANANJALO ZIVULE AMATHUBA AMATSHA ANGAPHUCULI KUPHELA IYANTLUKWANO YENDALO PHAKATHI KWEENQUBO ZETHU, KODWA APHINDA ANIKE AMATHUBA AMATSHA OKUTYISA IMPAHLA.



UGq Johannes Strauss, kuLawulo IweeNzuluwazi ngeziTyalo, uPhando noPhuhliso lobuChwepheshe kwiSebe lezoLimo laseNtshona Koloni. Thumela i-imeyili apha johannst@elsenburg.com

## INTSUKAPHI

Kubalulekile ukwazi ukuba umhlaba awuyondawo yokumilisela izityalo kuhphela, kodwa uyinkqubo ephilayo nephefumlayo eneempawu zobukhemikali, zokuphathekayo nezibonisa ukuphila. UbuHle bezityalo zokutshintsha kukuba ziyakwazi ukuchaphazela yonke le miba mithathu. Indlela yokukhetha izityalo zomxube wesityalo sokutshintsha inokunceda ngokuthintela ukugangathea ngaphandle kokubuyela ekuhlakuleni. Uhlobo olunye Iwezityalo lunokunceda ekudambiseni ukhula. Umzekelo ofanelekelyo yiowuthsi yeSaia. Ukuba umxube unesiqlatho esiphezelu sesityalo esiyisiriyeli, unako ukunikela ngesiggumathelo esibalaseleyo somhlaba kwiinyanga ezinde zobushushu obuphezulu ukuze ke ngoko ukhuseleke umhlaba elangeni eligqatshayo. Ukukhethwa kwezityalo ezikumxube kuna ko kwakhona ukunceda ngokukhulula izondlo ezithile ebezibambeke emhlabeni ukuba zifumanekе kwisityalo esilandelayo, kanti oko kunokunciphisa isidingo sesichumiso kunya ka ozayo. Ukuquka izityalo eziyimidumba kwisityalo sokutshintsha kunokunikela ngenitrogen ekhululekileyo ukwenzela isityalo esilandelayo.

Zintathu iindlela ezintathu ekunokulawulwa ngazo izityalo sokutshintsha ezizezi, eyokwenza isigcina-kufuma, ifula okanye ukutyisa impahla.

Iyileyo inezinto eziluncedo kune nezingeloncedo. Kufundonzulu olwenziwe kwiFama yoPhando iLanggewens kubonakele ukuba ukutyisa impahla nokwenza isigcina-kufuma ngesityalo sokutshintsha kunoncedo ngaphezu kokusenza ifula isityalo sokutshintsha. Kufumanekе izondlo eziphechatha emhlabeni nezisele phezu komhlaba kwintsalela kunaxa isityalo sokutshintsha senziwe ifula. Kwakhona uhlalutyo Iwezondlo lubonise ukuba isityalo sokutshintsha esineentlobo ezininzi kuso sinikela ngoluhlu Iwezidlo ezelungelelene ngokuthe chatha ezelwanyaneni, nezinokuphinda zibe nesiphumo sokuthoba iindleko zesondlo esincedisayo.

## ULAWULO LWESITYALO SOKUTSHINTSHA

Ngelishwa imbewu yesityalo sokutshintsha iba duru kanti injongo yolawulo Iwesityalo sokutshintsha kuzinciphisa kangangoko ezinye iindleko zeemveliso zamalungiselelo, okanye zingabikhо kwaphela. Kuphando lwethu silima isityalo sokutshintsha ngaphandle kwesichumiso kwaphela, kodwa ubani unakho ukufakela intwana encinane yesichumiso (nitrogen engaphantsi kwe-10 kg ngehektare) njengendlela yokuqualisa. Asitshizi ngemichiza yokutshabalalisa ukhula, eyezinambuzane okanye eyomngundo ngexesha



lfoto 1 - 3: lindlela ezintathu ekunokulawulwa ngazo izityalo sokutshintsha.



2

Iokulima. NgoSeptemba siyasiphelisa isityalo sokutshintsha ukuqinisekisa ukuba akukho nto enokumilisela imbewu.

**Ukuphelisa isityalo sokutshintsha esisetyenziswa njengesigcina-kufuma**  
Indlela okhetha ngayo izityalo ezenza umxube nayo iya kudlala indima kwindlela okhetha ngayo umgaqo owusebenzisela ukuphelisa isityalo sokutshintsha. Ukuba ithe chatha imbewu yesityalo esiyisiriyeli kumxube, kuba lula ngakumbi ukunqumamisa ngerola yamafongqofongqo iyodwa. Nangona kunjalo, ukuba kukho inani eliphezulu lemidumba efana nefula yevetshi neyeklova emxubeni, mayingasetyenziswa yodwa irola yamafongqofongqo kuba isenokungasebenzi kakuhle kananjalo umntu unokufakela umchiza wokutshabalalisa ukhula ngokunamatela kulo nolandeliswa emva kwerola yamafongqofongqo.

#### **Ukuphelisa isityalo sokutshintsha esisetyenziswa njengefula**

Xa usebenzisa isityalo sokutshintsha njengesityalo esiyifula kubalulekile ukusisika isityalo phambi kokuba imile imbewu. Oko kuqinisekisa ukuba asinambewu eggithela phambil enokujika ibe luhkula kwisityalo esilandelayo. Ukuhula kwezityalo ngokutsha emva kwenkubo yokwensiwa kwefula akunakuba namandla ngokwaneleyo kangangokuba kude kufuneke ukuba kusetyenziswe irola yamafongqofongqo. Kule meko umchiza otshabala-lisa ukhula ngokunamatela kulo nguwo oya kufaneleka ngokuthe kratya. Okuqhelekileyo kukuba le ndlela yokukhetha isityalo sokutshintsha ishiye isiqumathelo esincinane kakhulu ngaphezu komhlaba ekupheleni kwexesa lokulima. Ukuysikela phezulu ifula, kusenokuyisombulula le ngxaki.

#### **Unqumamiso emva kokutyisa impahla**

Uluvo oluxhasa ukutyisa izityalo kukubuya enye yemali etyalwe ngokulima isityalo sokutshintsha ngokoveliswa kwenyama okanye ubisi. Ngokuxhomekeka kwiimeko zemozulu kwixesha lokulima, isityalo sokutshintsha sinokondla impahla ngaphezu kwakanye. Inani lamathuba okutyisa liya kuxhomekeka kwisixa esilinywe ngokutsha okwenzekayo. Inani lezilwan-yana elikhulu ngokuthe chatha liwalungele amathuba amafutshane. Ukuba ufunu ukukwandisa kangangoko ukukhulisa kwakho isityalo sokutshintsha

kwinkqubo yokutyisa, umaleko ophantsi unokusebenza kakuhle ekukhuthazeni ukukhula ngokutsha. Khumbula ukuba eyona nto ifanelekileyo kuckgina eyona ntsalela ininzi ekupheleni kwexesa lokulima phezu komhlaba ukuze ukhuseleke kwimozulu. Nakuphi ukukhula ngokutsha ekupheleni kwexesa lokulima kunokuphelisa ngerola yamafongqofongqo okanye ngomchiza wokutshabalalisa ukhula.

#### **ISIPHELO**

Izityalo zokutshintsha zinokuvulela abalimi amathuba amatsha ngeendlela eziliqela. Kwithuba langoku sisebenzela phezu kwestixhobo sokubala sesityalo esinceda ngeepesenti zohlobo lwestiyalo kumxube wesityalo sokutshintsha. Ngapezu koko, kuya kuba khona umsebenzi wokulinga ngokutshintsha-tshintsha iintloblo ezikhoyo zokwenza ukuba isityalo sokutshintsha sifikeleleke kangangoko kunokwenzeka. ■



3

# Iimeko zebhali ngo-2019/2020

**K**WELI NOAKU SIQWALASELA IIMEKO EZAHLUKA-HLUKILEYO NGOKULINYWA KWEBHALI, NGOKWEMIGQALISELO EXELWAYO YOKUTYALA NESIVUNO SESIQHELO.



**Ikageng Maluleke, Ingcali yezoqoqoshko kwinganaba elisenzantsi, eGrain SA.**  
Thumela i-imeyili apha [Ikageng@grainsa.co.za](mailto:Ikageng@grainsa.co.za)

NgokweKomiti yeeNgqikelelo zeziTyalo (CEC), indawo ekulindeleke ukuba ilinywe ibhali ngo-2019 ziihektare ezi-118 500 (**Itheyibile 1**), xa kuthelekiswa neehektare ezingama-119 000, kwaza ekuggibeleni kwafumaneka isityalo seetoni ezingama-421 500, ngo-2018.

Imveliso iqikelelwla ngokwendawo elinyiweyo nangesivuno; nangona kunjalo, le miba mibini ixhomekeke kwimozulu. Xa kuqwalaselwa ukungaqiniseki okubangelwa yimoziulu ngokwemigqaliselo yokutyala, eli nqaku liseka iingcinga zalo ezahluka-hlukileyo zeemeko ngokusebeniza indawo etaliwego nesivuno sesiqhelo ngokweKomiti yeeNgqikelelo zeziTyalo kwiminyaka emithathu edlulileyo emithathu njngomda osisiseko ovalatha imveliso yango-2019.


**Itheyibile 2** inendawo etyalwe kwicala lika-x apha imigqaliselo yeziyalo isesizikithini ukuze isivuno sibe kwicala lika-y. Kwicala lika-x, sinezinxaxhi ze 5% kwimigqaliselo ukuya ngasekhohlo nangasekunene, okubonisa ukuba imveliso yasekuggibeleni inokuba yi 5%, 10% okanye 15% ngaphezu okanye ngaphantsi kwemigqaliselo yeCEC. Kwicala lika-y, sinezinxaxhi ezingaphezu nezingaphantsi kwesivuno sesiqhelo seetoni ezi-4 ngehektare. Xa kusetyenzwa ukususela kwisizikithi setheyibile, ukuba kutyalwe iihektare ezi-118 500 kanti isivuno zitoni ezi-4 ngehektare, ukuze imveliso ibe zitoni ezingama-474 000.

Ukuya ngasekhohlo kwetheyibile, ukuba kutyalwe nganeno nge 15% (iihektare ezingama-100 725) apha isivuno sihlala siziiton ezi-4 ngehektare, imveliso iya kuba ziiton ezingama-402 900. Ukuzebenza ukuya ngasekunene kwetheyibile, ukuba kutyalwe ngaphezu kwemigqaliselo nge-15%, ukuze isivuno sesiqhelo sibe ziiton ezi-4 ngehektare, izi imveliso ibe malunga neeton ezingama-545 100. Le meko ingaqhutywa ngokubhekiselele kuyo yonke indawo elinyiweyo nenemidibaniso yesivuno.

## IMOZULU KWIINGINGQI EZILIMA IBHALI

Ngokujonga isalathiso sesantya esiphezulu esiqhelekileyo, imbalela enobuzaza kwimimandla esenzantsi-ntshona etha qelele kwiNtshona Koloni sibonakala kwimilinganiselo yexesha emide (kwiinyanga ezingama-24 nezingama-36) njengoko ibiiboniswa kwada kwaba sekupheleni kwenyanga kaMeyi ngo-2019, nebinemiqondiso yesiqabu kwiinyanga ezilishumi elinesibini ukuya kwezintathu.

Kwimimandla esemntla-mpuma yeli lizwe nakwimimandla esesizikithini embindini, iimeko eziphuculiweyo zibonakala kwiinyanga ezintandathu edlulileyo (**Isazobe 1**) emva kwemvula ephucukileyo kwezo ndawo ngethuba lasekuggibeleni lehloba/ ekuqaleni kokwindla ngo-2019. Imvula iphelele



ngethuba likaMeyi ngo-2019 kwimimandla yasentshona ukuya esizikithini esisembindini nokuya ngasemzantsi nakwicala elisentshona eMpuma Koloni ithelekiseka kakuhle neenyanga zikaMeyi ezinembali yokuna kwemvula.

Kwimimandla yeli lizwe esenzantsi-ntshona, imvula iphelele ibifana naleylo esembalini yeenyanga zikaMeyi ezibaleleyo. Kulindeleke iimeko ezifana nezo ukuba zongamele kuzo zonke iinyanga zokulima. Kaloku ukuba iziyalo ziayinkcenkcehw, eso sisizathu esilungileyo ngenxa yokuba apha elizweni amadama amanzu akwinqanaba lamanzi elifanelekileyo.

**1** *Intengiso nentengo yebhali evundisiweyo ngo-2019.*

linjongo zeCEC zokutyal (ngokwehektare)	118 500
Isivuno sesiqhelo (iiton/ngehektare)	4,00
Impahla egciniweyo eyintshiyekela ngo-2018/2019 (iiton)	166 800
Esetyenzisiweyo iphelele (iiton)	326 000
Impahla eza kugcinwa ( $\pm$ 1,5 inyanga) (iiton)	129 000

**2** *Uhlalutyo lwemveliso yebhali ngokusebeniza indawo etaliwego nesivuno.*

		Indawo etaliwego (ngehektare)						
		-15%	-10%	-5%	IMIGQALISELO YE-CEC	5%	10%	15%
Isivuno (iiton ngehektare/ha)	2,34	100 725	106 650	112 575	118 500	124 425	130 350	136 275
	3,75	235 697	249 561	263 426	277 290	291 155	305 019	318 884
	4,00	377 719	399 938	422 156	444 375	466 594	488 813	466 594
	4,25	402 900	426 600	450 300	474 000	497 700	521 400	545 100
		428 081	453 263	478 444	503 625	528 806	553 988	579 169

\*linkcukacha njengangomhla wama-24 kuJuni ngo-2019

# CINGA NJENGOSOMASHISHINI

**N**GOKUBANZI, SIKUGXININISILE KUMANQAKU ETHU UKUBA IMINGENI ESEMSEBENZINI WOKUFAMA EMZANTSXI AFRIKA IYA NGOKWANDA KANOBO. ABALIMI BETHU BAQUBISANA NEMINGENI MALUNGA NAMASHISHINI ABO OKUFAMA, NOKUBA MANCINANE OKANYE MAKHULU, KWYE KUYA NGOKWANDA OKU. YANDILE IMINGENI YOKUNGABIKHO KOZINZO KWEZEPOLITIKI, ITHE KRATYA IMINGENI EMALUNGA NENTENGISO, KWANDILE UKUCINEZELWA NGAMAXABISO ENTENGO KANTI YANDE NGAKUMBI NENGUQUKO KWIMOZULU, XA SIBALA IMINGENI EMBALWA KUPHELA.

Ngoko ke, kwihlabathi loshishino Iwanamhla, ngakumbi kwezolimo, ubume obungqonge ushishino busoloko buguquka bubhekela phaya ukuze oko kubangele ukuba kube nzima kakhulu ukuphila.

## UKWAHLUKA-HLUKANISA

Kumanqaku angaphambili siwugxininisile umba wokwahluka-hlukanisa ishishini lakho ukuze uhlangabeze le mingeni. Yenza uphando ngokwahluka-hlukanisa ishishini lakho libe ngamashishini ambalwa ngenjongo yokwandisa ingeniso yakho neyokulawula imingcipheko. Izinto eziluncedo ngokwahluka-hlukanisa – umqukuqelo ophuculiweyo wemali eyikheshi, ukusabalala kwemincipheko, ukwanda kwenzuzzo – kunamandla ngapezu kwezinto ezingelencedo. Ukuba akunangcinga ngokwahluka-hlukanisa ishishini lakho, uya kuba sedabini lokuziphilisa njengomlimi eMzantsi Afrika. Kodwa, abaninzi kuni bay a kuzithethela ngokuthi ifama yabo incinane kakhulu abanako ukwahluka-hlukanisa. Oko kusenokuba yinyaniso kodwa zikhona ezinye iindlela namacebo okwahluka-hlukanisa kanti enye yazo lukhenketho kwezolimo.

Okuqhelekileyo kukuba ukwahluka-hlukanisa kubandakanyi umdibano wamashishini okufama ahlukileyo ngokwemincipheko. Umzekelo, yahluka-hlukanisa ngokulima izityalo ezhkhula ngamathuba ahluka-hlukileyo futhi zingafani kwaye zingalingani ngokuba zizisulu zembalela. Ukuafakela ishishini lemfuyo kuya kuba nesiphumo esilungleyo esikhulu ekuncitsheweni komngcipheko. Kodwa khumbula, ngokuya esahluka-hluka ngakumbi amashishini, siba njalo isenzo sokhenketho kwezolimo, kanti ke nemingcipheko iyanda.

Umlimi ukholisa ukusinga ukuba akanasakhono nemithombo yonce-do (imali, impahla, abasebenzi okanye imisebenzi enokwensiwa) ukuze babonise iindwendwe iifama zabo. Nangona kunjalo, usomashishini uya kuyazi into yokuba wena akudingi ndawo efana nehotel yengqanaba leenkwenkwezi ezintlanu futhi nawe akudingi kuba nezinto ezinobugocigoci ezenziwayo zokutsala umda wabakhenkethi. Zinzisa ingqondo kokungahelekanga nasekunikweni kweenkonzo ngobubele ngokunjalo uqinisekise ukuba nantoni na oyenzayo isemgangathweni ophezulu.

## UKHENKETHO KWEZOLIMO

Xa ucinga ngelinge lobunganga lokhenketho kwezolimo khumbula ukuba indawo elikuyo lingumba osentloko kwimpumelelo yalo. Ufikelelo olulula nolungatsalisi nzima kwindawo yempahla yakho luya kuba luncedo olukhulu. Ngoko ke, ukuba kufutshane kwidolophu enkulu okanye esixekweni apho iindlela zilungiswayo khona okanye ukuba kufuphi kwimigaqo emikhulu, kuya komeleza isakhono sobukho bempumelelo. *KwiFarmer's Weekly* eyayi-papashwe kudala, kwakukho inqaku malunga nomlimi wewayini kwifama yewayini ethande ukuba ncinane owaqaphela ukuba kuya kuba ngumgeni omkhulu ukungena kuhutshiswano neentlobo zewayini ezaziwa kakhulu

Marius Greyling, Umbhali  
kwipula Imvula. Thumela i-imeyili  
apha mariusg@mca.co.za



kwiindawo zentengiso ezicwangciselweyo. Ngenxa yendawo efanelekileyo, kufuphi neCango Caves naseOudtshoorn eyindawo enomtsalane kubakenkethi abaninzi, apho kwensiwa khona ilinge elitsha leshishini lokhenketho kwezolimo phakathi kwefama, kwakukho nerestyu nenkonzo yokungcamisla iwayini yeentlobo zabo zeewayini nebhiya. Ishedi endala yokugcina izinto efama yajikwa yaba yirestyu yokungcamla ukuze kuncitshiswe iindleko zasekuqaleni. Ngenxa yemveliso efana yodwa kunye nenkonzo ebalaseleyo, indlela abapapasha ngayo intengiso yabo kule mihla, ubukhulu becal, lusasazo Iwasentlalweni nokuthetha ngomlomo.

Umkhkenkethi wanamhla ufuna ukwenza into entsha – bafuna amava 'ahlukileyo' kulawo afumaneka kwiindawo ezisezidolphini. Nabo abakhenkethi bakholisa ukufuna ukuthenga kwindawo yabo apho kwensiwa khona izinto nempahla ethile. Ukusebenzisa amathuba anikwa lukhenketho kwezolimo kuanako ukufaka ingeniso eyongezelweyo kwaye kungakunika ubomi obutsha kwabo batsala nzima ekufumaneni inzudo kumashishini abo okufama.

Qala kancinane, umzekelo, qala ngamagumbi okulala ebhedi enye nobonelelo Iwesidlo sakusasa kunye/okanye irestyu encinane ethengisa ukutya kwesthethe sendawo yakho kunye/okanye ivenkilana encinane ethengisa ngakumbi izinto zeli lizwe nenizenzele zona. Fakela izinto ezinokwensiwa ngaphandle kwamasango – imizila yeebhaisikile, ukukhwela amahashe, ukuphuma ngeenqwelo zeedonki, inqwelo yeenkabi, itrektara nenqwelo erhuqwayo, ithuba lokuloba – ukujinisekisa ingeniso eyongezelweyo nesoloko ifumaneka. Yandisa ngokwemfuno.

Kutshanje bekukho ingcaciso ngoxwebhu IwoTV malunga nenene laseKenya, elihlala eKapa ngoku, elaqlisa ishishini ngeembadada zokuqubha ezindala. Unamatelisele iimbadada zokuqubha kunye ukuze enze izinto zokuhombisa nezokudlalisa ezimibala-bala. Ngeli linge udale namathuba emisebenzi – uhlawula abantu abaqokelela iimbadada zokuqubha ezindala. Lo ngomnye wemizekelo wokucinga njengomntu ongusomashishini.

Kaloku, njengalo lonke ishishini lakho, eli shishini lokhenketho kwezolimo nalo liya kulawulwa ngendlela efanelekileyo ngocwangciselolulungileyo, ulungiselelo, impumezo nonxulumaniso Iwayo yonke imiba yolawulo. Umba wolawulo oya kudinga ingqalelo eninzi lucwangciselolwentengiso. Kodwa nalapha xa usaqlisa sebenzisa usasazo Iwezentlalo Iweendleko eziphantsi kakhulu. Icebo malunga nosasazo Iwezentlalo kukusoloko uzihlaziya iinkcukacha rhoqo uze ukhuthaze iindwendwe ukuba zibe nenxaxheba kwiinkcukacha oziposayo. Umyalezo osasazwa ngokuthetha nawo unendima ebalulekileyo njengesaziso.

## ISIPHELO

Nangu umyalezo weli nqaku – yekani ukusinga ngani njengabalimi, qalisa ukuzibona njengomnini/umlawuli-shishini, okanye ngokwemtetho yanamhla ungsomashishini, ukuze ucinge ngokunjalo izenzo zakho nazo zihambelane neengcinga zakho. Yeka ukusinga ngendlela oza kuhulisa ngayo inzudo yefama yakho, cinga ngendlela oza kuhulisa ngayo inzudo yeshishini lakho! ■



# UMLIMI WONYAKA WASEGRAINSA

## – ngumvuzo wokusebenza nzima nenzondelelo

**U**KHUTSHISWANO LWASEGRAIN SA LOMLIMI WONYAKA OLUQHUTYWA NGONYAKA NGAMNYE LUGXININISO KUBO BONKE ABALIMI NABASEBENZI BASEGRAIN SA. LITHUBA LABO BONKE ABANGABALIMI ABAQUQUZELA KWINKQUBO YOPHUHLISO LWABALIMI, NOKUBA UMSEBENZI WABO MKHULU OKANYE MNCINANE, UKUBA BABUKISE NGOKUSEBENZA KWABO NZIMA NANGENYAMEKO YABO.

Aba batyunjwa bokhutshiswano bamele amawaka abalimi beenkozo kule nkqubo abasebenza nzima ngazo zonke iiintsuku ukuze bondle iiintsapho zabo, abalimi abasakha amashishini abo bengakhawulezisi ngokunjalo kunya nabobasebenzela ukwakha ishishini lokufama elinorhwebo oluzinzileyo.

Njengoko kungenakwenzeka ukungenisa wonke umlimi ofanelekileyo, ngenxa yokuba bebaninzi kangako, aba bakhethiweyo bemi njengemizekelo yokunokuphunyezwa.

*NguLiana Stroebel, umQuquzeleli wePhondo waseGrain SA Provincial, eNtshona Koloni. Thumela i-imayili apha liana@grainsa.co.za*



Olu khutshiswano luquka abalingwa abambalwa abalimela ukuziPhilisa, abarhweba kaNcinane, abanesaKhono seNew Era kunye nabaRhwebi be-New Era abavela kwiphondo ngalinye nabatyunjwa ngokwemiqathango engqongqo kakhu, nasemva kokuba umlimi othile ebetyelelwesisisigqeba sabagwebi ababamba udliwano-ndlebe olunzulu nomlimi lowo malunga nemisebenzi yakhe yokulima, ulawulo lwemali, ukugcinwa kweengxelo, inkqubela ngokubanzi, umgangatho wezityalo zakhe nangeminye imiba emininzi. Singakuqinisekisa ukuba olu khutshiswano alululanga kwaphela.

Kuyinyhweba enkulukuthi ukukwazisa abatyunjwa bomLimi Wonyaka bango-2019:


# ABATYUNJWA BOMLIMI OLIMELA UKUZIPHILISA

UBonisiwe Berlinah Nhlengethwa



**Indawo:** ePlet Retief,  
eLouwsburg  
**Umququzeleli:** nguJurie Mentz

UPhoma Duma



**Indawo:** elxopo,  
eMpuma Koloni  
**Umququzeleli:** nguLuke Collier

UMazonya Elijah Dhlamini



**Indawo:** eVolksrust,  
eLouwsburg  
**Umququzeleli:** nguJurie Mentz

UVelile Madikizela




**Indawo:** eBizana,  
eMpumalanga  
**Umququzeleli:** nguLuke Collier

UBavelile Sylvina Madlala



**Indawo:** e-Estcourt, eDundee/  
KwaZulu-Natal  
**Umququzeleli:**  
nguGraeme Engelbrecht

UJabulani Emmanuel Mazibuko



**Indawo:** eBergville, eDundee/  
KwaZulu-Natal  
**Umququzeleli:**  
nguGraeme Engelbrecht

UAmos Mfaniseni Kubeka



**Indawo:** eOshoek/eCarolina,  
eMpumalanga  
**Umququzeleli:**  
nguJerry Mthombothi

UNDinda Hezekia Mkhonza



**Indawo:** eHereford East,  
e-Ermelo/eAlbert Lethuli  
**Umququzeleli:**  
nguJerry Mthombothi

ULena Samaria Msibi



**Indawo:** Badplaas,  
Gert Sibande  
**Umququzeleli:**  
nguJerry Mthombothi

UEster Phumelele Ngidi



**Indawo:** eDannhauser,  
eDundee/KwaZulu-Natal  
**Umququzeleli:**  
nguGraeme Engelbrecht

## ABATYUNJWA BOMLIMI ORHWEBA KANCINANE

UBheki Isaia Mabuza



**Indawo:** ePiet Retief,  
eLouwsburg  
**Umququzeleli:** ngujurie Mentz

UJoconia Mthethwa



**Indawo:** ePiet Retief,  
eLouwsburg  
**Umququzeleli:** ngujurie Mentz

UMfuneni Themba Mayisela



**Indawo:** ePiet Retief,  
Louwsburg  
**Umququzeleli:** ngujurie Mentz

UZamokwakhe Nathaniel Khoza



**Indawo:** eBergville,  
eDundee/KwaZulu-Natal  
**Umququzeleli:**  
nguGraeme Engelbrecht

UMkhombiseni Dumdumu Hlongwane



**Indawo:** eBergville,  
eDundee/KwaZulu-Natal  
**Umququzeleli:**  
nguGraeme Engelbrecht

UMdumiseni Welcome Hadebe



**Indawo:** eWinterton,  
eDundee/KwaZulu-Natal  
**Umququzeleli:**  
nguGraeme Engelbrecht

## ABATYUNJWA ABANESAKHONO SENEW ERA

USabatha Ewart Mthethwa



**Indawo:** eDannhauser,  
eDundee/KwaZulu-Natal  
**Umququzeleli:**  
nguGraeme Engelbrecht

UElias Mtimkulu



**Indawo:** eHarrismith,  
eFree State  
**Umququzeleli:**  
nguJohan Kriel

UTHobani Goodwill Ntonga



**Indawo:** eCedarville, eAlfred Ndzo/eMpuma Koloni  
**Umququzeleli:**  
nguLuke Collier

# UHLALUTYO LOMHLABA LWEXESHA ELIZAYO

**M**ININZI IMIBA EFANELE UKUGQALWA XA ULUNGISELELA AMASIMI AKHO IXESHA ELIZAYO. LO MSEBENZI UFANELE UKUQUALISWA KUSELITHUBA NGOKWANELEYO UKUZE UBE NEXESEA LOKWENZA UCWANGCISELO KAKUHLE. XA IZIXHOBOTOKUVUNA ZITSALELWA KWINDAWO YOKUZIHLAMBA NAXA ISITYALO SAKHO SOKUGQIBELA SITHUTHWA OKANYE SIGCINWA; ELO KE LIXESHA LOKUQUALISA NGOKUCINGA NGEXESHA LOKULIMA ELIZAYO.

Ukuze umlimi ahiale ekwinqanaba lokhutshiswano kubume obusoloko buquuka, udinga ukuhlala ehamba phambili. Kweli nqaku, ndiza kugqaliselwa komnye wale miba: **Ukuthathwa kweesampulu zomhlaba**. Ukwenza uhlalutyo lomhlaba wakho kufana nokufunda imephu nokuliqonda icala osingisa ngakulo. Iziphumo zidinga ukwamkelwa kakuhle kuselithuba ukuze ube nexesea lokuziqonda nokulandela izikhokelo zazo ngokuchaneke kangangoko.

Kunzima ukukholelwa ekubenitse basebaninzi abalimi namhla abasasebenza ngaphandle kokusebenza esi sixhobo sixabiseke kangaka. Ngokoluvo lwam; uhlalutyo lomhlaba lfanele ukuba sisiseko owakhela phezu kwaso isishini lakho lokufama. Konke esikwenzayo njengabalimi kunxulumene ngqo nomhlaba. Umhlaba yindawo ekuvela kuyo ukutya kwethu nempilo yethu, ngenxa yoko sidinga ukuwuphatha ngenkathalo kangangoko sinako. Umhlaba uyaphila, uzele zizimbiwa, zizondlo naziintsholongwane ezinika izityalo esizilimayo ukutya ezikudingayo ukuze zikhule. Ukuba siqhuba ngokusoloko sithatha kodwa singabuyiseli, siya kukhawuleza sifumanise ukuba esikwenzayo akusiniki zinzo.

Zonke izinto eziphilayo zinezinxulumani kunye neempawu ezahluka-hlukeneyo. Ngokunjalo zinezidingo neemfuneko ezahluka-hlukeneyo. Ezinye izinto eziphilayo ziya kufa zitshabalale ukuba azilondolozwa ngendlela echanekeleyo. Nomhlaba wethu ukwanjalo! Ukuza nokulondoloza amaqondo afanelekileyo okuchuma, kanti ubukho bezondlo zezytalo kubaluleke ngokuggithisileyo ukuba umhlaba olinywayo ufanele ukuhlala ukwazi ukovelisa ukutya esikudingela amanani abantu kwixesha elizayo. Uhlalutyo lomhlaba sisixhobo esifanele ukusisebenza ukuze sikuqinisekise oku.

## SIKUFESA NJANI OKU?

Uhlalutyo lomhlaba lugqaliselwa ekufumaniseni ukuba zeziphi izondlo ezi-nokufunyanwa zizityalo emhlabeni izeziphi ezinqongopheleyo. Umzekelo wezi zondlo ziziqalelo ezifana nephosphorus, ipotassium nemagnesium. Zininzi izondlo ezifana nezi kwaye zonke zinendima ebalulekileyo kulondolozo iwezityalo zethu.

Xa umntu esenza uhlalutyo lomhlaba kufuneka acaphule isampulu yomhlaba ngokusebenza isixhobo sokubhola aze awuhlalutyelabhoratri. Kodwa umntu akanakulindela iziphumo ezichanekileyo xa ethathe isampulu enye kuphela kwintsimi nganye. Umhlaba wenziwe ngokwahluka-hluka kwindawo enkul, yiloo nto kuncomeka ukuthatha iisampulu kwindawo ebanzi (kwigridi) ukuze zitolikeke phucukileyo iizovuni ezahluka-hlukileyo zentsimi esiza kuyityala. Ukuze kufumaneka izivuno ezizezona zincometkayo umntu kufuneka awucwabe umsebenzi wokuthatha iisampulu. Igridi nganye ekuthathwe kuyo iisampulu mayibiyelwe ngokungathi isebehokisini ize ifakwe iileybile ngokuchanekileyo ukuze icwecwe leziphumo litolikeke

*UGavin Mathews, Ingcali  
kuLawulo lokusingqongileyo. Thumela  
i-imeyili apha gavmat@gmail.com*



Iula. Zakuba iisampulu zakho zibekelwe zafakwa iileybile kakuhle unakho ukuzithumela kweyona labhorati ikufutshane kuwe ukwenzela uvavanyo nohlalutyo. Amaqumrhu amanini ezichumiso nawo ayayinika le nkonzokodwa ngeendaleko ezithe chatha.

## SILUTOLIKA NJANI?

Xa ufumana ushicilelo lweziphumo zakho zomhlaba zikholsa ukothusa kuba zibukeka ngathi zibhalwe ngolunye ulwimi lwamagama amakhulu, amanani nezazobe ezingafundekiyo. Ngethamsanqa, kukho abantu abaqheqeshelwe nabafundele le nkalo yezifundo nabakwaziyo ukukucazululela zona baze bakuchazele iziphumo ngokuthe nciam malunga nokudingwa ngumhlaba wakho nokuthi zingakanani izidingo zavo. Abameli abanini bezichumiso nabo bayakwazi ukukunika izikhokelo ngokuziseka kumacebiso owafumene malunga nesampulu yomhlaba.

*Umhlaba yindawo ekuvela kuyo  
ukutya kwethu nempilo yethu, ngenxa  
yoko sidinga ukuwuphatha ngenkathalo  
kangangoko sinako.*

## MANYATHELO MANI ESIWATHATHAYO?

Ukuze sifumane ezona zivuno zibalaseleyo zinokufumaneka, kufuneka usoloko uzabalazela ukunika izityalo zakho konke ezikudingayo ukuze zikhule. Kodwa ke, umntu ufanele ukusoloko elukhumbula uhlahlo-mali. Khumbula ukuba ungawkakha ukuphucuka kwemihlaba yakho ekuhambeni kwexesha kunokuzama ukufesa konke ngonyaka omnye uze uzbine ungasenanto ethubeni. Okufunekayo kukuba mawusoloko uphucula kwayeuzuza iziphumo eziya ngokuba bhetele kuba xa kunjalo sukuba usingise ngakwicala elilungileyo.

Wakuba uzitolikile iziphumo zeesampulu zomhlaba udinga ukwenza isiggibo ngokuthi zeziphi iimveliso izichumiso onqwenela ukuzisebenza ukuze ulngise imihlaba yakho ngeyona ndlela ibalasele kangangoko. Ufanele ke ngoko ukufaka iodolo yakho kwiqumrhu lezichumiso kuselithuba kakuhle ukuze ube nexesha lokusifaka ngokuchanekileyo ngesisasazi sazo ngokweemfuneko zegridi yakho. Kubalulekile ukuyiphawula ngokuchanekileyo imilinganiselo ukuze ugalele izixa ezichanekileyo zesichumiso.

Ukulondoloza nokwakha ukuchuma kwemihlaba yethu elinywayo kubaluleke kakhulu, asenzeli thina kuphela namhlanje, kodwa senzela ngakumbi izizukulwana zexesha elizayo. Uhlalutyo lomhlaba nokutoli-kwa kwalo sisixhobo solawulo esibalulekileyo nesinokusinceda ekubeni sizuze uzinzo. ■

# PULA IMVULA

## Iqela labahleli

### GRAIN SA: BLOEMFONTEIN

46 Louw Wepener Street  
1st Floor  
Dan Pienaar  
Bloemfontein  
9301  
■ 08600 47246 ■  
■ Fax: 051 430 7574 ■ www.grainsa.co.za

### UMHLELI OYINTLOKO

Jane McPherson  
■ 082 854 7171 ■ jane@grainsa.co.za

### UKUMISELWA KWABAHELEI

Liana Stroebel  
■ 084 264 1422 ■ liana@grainsa.co.za

### UMAHLUKELANE KUPAPASHO

INFOWORKS  
Johan Smit ■ Ingrid Bailey ■ Marisa Fourie  
■ 018 468 2716 ■ johan@infoworks.biz



### INkubo yeGrain SA yoPhuhliso lwabaLimis

### ABAQUUZELELI BOPHUHLISO

Johan Kriel  
Free State (Ladybrand)  
■ 079 497 4294 ■ johank@grainsa.co.za

### Jerry Mthombothi

Mpumalanga (Nelspruit)  
■ 084 604 0549 ■ jerry@grainsa.co.za  
■ e-Ofisini: 013 755 4575 ■ Smangaliso Zimbili

### Jurie Mentz

Mpumalanga/KwaZulu-Natal (Louwsburg)  
■ 082 354 5749 ■ jurie@grainsa.co.za  
■ e-Ofisini: 034 907 5040 ■ Sydwell Nkosi

### Graeme Engelbrecht

KwaZulu-Natal (Dundee)  
■ 082 650 9315 ■ dundee@grainsa.co.za  
■ e-Ofisini: 012 816 8069 ■ Nkosinathi Mazibuko

### Luke Collier

EMPuma-Koloni (Kokstad)  
■ 083 730 9408 ■ goshenfarming@gmail.com  
■ e-Ofisini: 039 727 5749 ■ Luthando Diko

### Liana Stroebel

ENTshona-Koloni (Paarl)  
■ 084 264 1422 ■ liana@grainsa.co.za  
■ e-Ofisini: 012 816 8057 ■ Hailey Ehrenreich

### Du Toit van der Westhuizen

North West (Lichtenburg)  
■ 082 877 6749 ■ dutoit@grainsa.co.za  
■ e-Ofisini: 012 816 8038 ■ Lebo Mogatanyane

### Sinelizwi Fakade

Mthatha  
■ 071 519 4192 ■ sinelizwifakade@grainsa.co.za  
■ e-Ofisini: 012 816 8077 ■ Cwayita Mpotsi

### IPULA IMVULA IFUMANEKA NGEELWIMI EZILANDELAYO:

iSiXhosa,  
IsiNgisi, IsiBhulu, iSeTswana,  
iSesotho, iSesotho sa Leboa nesi IsiZulu.

Articles written by independent writers are the views of the writers and not that of Grain SA.

## 10 Umlimi woNyaka waseGrainSA...



## ABATYUNJWA BORHWEBO BENEW ERA

UStoffel Tawa Dhladhla



**Indawo:** eKestell, eFree State  
**Umquuzeleli:** nguJohan Kriel

UPaulus Mapota Mosia



**Indawo:** e-Edenville, eFree State  
**Umquuzeleli:** nguJohan Kriel

UAlfreda Stephanie Mars



**Indawo:** eMoorreesburg,  
eNtshona Koloni  
**Umquuzeleli:**  
nguLiana Stroebel

UAndries Isak  
van der Poll



**Indawo:** eRiebeeck-Wes,  
eNtshona Koloni  
**Umquuzeleli:**  
nguLiana Stroebel

WORDS OF  
WISDOM



If you are working on something exciting that you really care about, you don't have to be pushed. The vision pulls you.

~ STEVE JOBS



THIS PUBLICATION IS  
MADE POSSIBLE BY THE  
CONTRIBUTION OF  
THE MAIZE TRUST

MADE POSSIBLE BY  
THE MAIZE TRUST